



It starts with a story...

Writing for real

Have you noticed how young children seem to learn without very much effort at all? Think about what six year olds know and can do with language!

Babies start off not being able to use any language at all and then gradually, by observing, listening to and copying those around them, they begin to talk. Of course their first attempts are not perfect, but over time they get better and better at using spoken language. They start to talk because they want to communicate with those around them. They get better at it because the adults in their lives help them by encouraging them – by talking and listening to them.

Learning to write is not very different from learning to talk! When children see print around them and watch the people they love using writing in their daily lives, they become curious about writing. They see us using writing to communicate and interact with each other and then, when they have something they want to communicate, they give writing a try! Their first squiggles may just be “pretend writing” and may not look anything like the letters we use but these are the first steps in using writing to communicate. And then, just like with learning to talk, children get better and better at writing when we

encourage them – by writing with and to them, and by reading what they write.

Here are three easy ways to help develop your children’s writing.

- **Show them that what we say can be written down and then read.** When your child has drawn a picture, ask if they would like you to help them write something about it. Write down the words they tell you under their picture and then read the words back to them.
- **Show them the different ways you use writing.** Let your children see you writing – making a shopping list, writing appointments on a calendar, writing a letter or an email, keeping a journal in which you record your thoughts, ideas and/or feelings.
- **Show them that you value what they write.** If your child writes something to you, write back to them. Also, display their drawings and writing at home – the front of the fridge makes a great display gallery!

For more information and ideas on developing children’s writing, visit “Tips and topics” on www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

We're on radio!

Join us at the following times and listen to stories in isiXhosa and in English on our new Nalibali radio programme:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SfM on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.

Sesifumaneka nakunomathotholo!

Yiba nathi ngala maxesha alandelayo ze uphulaphule amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo yethu entsha kaNalibali esasazwa kula maziko osasazo:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.

SfM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Ukubhala kokwenyani

Ingaba ukhe waqaphela ukuba abantwana abancinane bafunda lula kanjani, bengakhange benza namigudu itheni? Cinga nje ngezinto ezaziwa ngabantwana abaneminyaka emithandathu nendlela abalusebenzisa ngayo ulwimi!

Iintsana ziqala zingakwazi kwaphela ukusebenzisa ulwimi, ze kuthi ekuhambeni kwexesha ziqale kancinane ukuthetha ngokubukela, ngokuphulaphula nangokukopa kwabo bazingqongileyo. Ewe, iinzame zazo zokuqala azigqibelelanga, kodwa ngokuhamba kwexesha ziya zisiba ngcono ngokuba ngcono ekusebenziseni ulwimi lwazo. Ziqala ukuthetha kuba zifuna ukunxibelelana nabo bazingqongileyo. Ziya zisiba ngcono kuba abantu abadala abasebomini bazo bazinceda ngokuzikhuthaza – bathetha nazo ze baziphulaphule.

Ukufunda ukubhala akohlukanga kakhulu ekufundeni ukuthetha! Xa abantwana bebona okuprintiweyo apho bakhoyo ze babukele nabantu ababathandayo besebenzisa ukubhala kubomi babo bemihla ngemihla, baye babe nomdla wokwazi malunga nokubhala. Basibona sisebenzisa ukubhala xa sinxibelelana nabanye abantu baze nabo bathi xa benento abafuna ukunxibelelana ngayo nabanye abantu bakhe bakuzame ukubhala! Amarhoqololo abo okuqala angaba “kukwenza ngathi bayabhala” kwaye angangakhangeleki njengoonobumba abaqhelekileyo esibasebenzisayo xa sibhala kodwa la ngamanyathelo okuqala okusebenzisa ukubhala xa benxibelelana. Ngokufana nqwa nokufunda ukuthetha, abantwana baya besiba ngcono ngokuba ngcono ekubhaleni xa sithe gqolo sibakhuthaza – ngokuthi sibhale kunye nabo okanye sibabhalele, okanye sifunde abakubhalileyo.

Nazi iindlela ezintathu ezilula zokunceda ukuphuhlisa ukubhala kwabantwana bakho.

- **Babonise ukuba esikuthethayo kungabhalwa phantsi kwaye kufundwe.** Xa umntwana wakho ezobe umfanekiso, mbuze ukuba angathanda ukuba umncede kusini na ukubhala okuthile ngawo. Bhala phantsi loo magama awathethayo phantsi komfanekiso lowo uze umfundele wona.
- **Babonise iindlela ezohlukileyo okusebenzisa ngazo ukubhala.** Bavumele abantwana bakho bakubone ubhala – ubhala uluhlu lwezinto oza kuzithenga, amadinga onawo uwabhala kwikhalenda, ubhala ileta okanye i-imeyili, ugcina ijaneli obhala kuyo iingcinga zakho kunye/okanye iimvakalelo.
- **Babonise ukuba ukuxabisile oko bakubhalayo.** Ukuba umntwana wakho ukubhalele okuthile, nawe mpendule ngokumbhalela. Kananjalo, hombisa ngemizobo kunye nezinto abazibhalileyo ekhaya – umphambili wesikhenkcezisi yindawo efanelekileyo yokuxhoma ubonise ngemifanekiso!

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe kunye neengcebiso zokuphuhlisa ukubhala komntwana wakho, ndwendwela ku-“Tips and Topics” ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.



Mme wa Afrika



Drive your imagination

Read to me. Never too early.
Never too late.
Ndifundele. Awukashiywa lixesha.
Lingasokuze likushiye nanini na.





Story stars

A leading light



At Kannemeyer Primary School in Grassy Park, the reading club is thriving because of enthusiastic Grade 2 teacher, Felicia Watson. Felicia started the club after attending a Nal'ibali training session in 2012. Now 63 passionate readers attend the club every Wednesday afternoon. We spoke to Felicia about the club and reading.

What motivates you to run the reading club?

It is wonderful to watch the children grow into literate members of society who enjoy writing and reading and can use what they learn from stories.

What is one of the main challenges the children face?

Not enough books! But we received book donations from the Centre for the Book and from Biblionef through Nal'ibali. Of course we also receive the Nal'ibali supplements each week! We have now developed a system where the children can borrow books from the reading club.

Tell us about some of the activities you do.

The children read, write poetry and play word games – most of all we just have fun!

How do you encourage children to join the club?

We display the members' work around our school in the hope that this will encourage other children to read and write too.

Have you seen any improvement in the club members?

Yes! They have not only improved their reading and writing skills, but have also gained the confidence to speak in front of an audience, and confidently choose different texts to read.

Why is it important to encourage young people to read?

Reading is good for their self esteem, it uplifts them, increases their awareness of themselves and others, and makes them think!

Who are your favourite children's authors?

Niki Daly, Julia Donaldson and Dr Seuss. I love sharing stories by these authors with the children.

What advice do you have for people wanting to start a reading club?

Just do it! Network! Register with Nal'ibali! There are many people who are willing to help you.



Pic: Anton Scholiz

Felicia Watson

Iimbilasane zamabali

Isibane esikhokeleyo

Kwisikolo samaBanga aPhantsi iKannemeyer eGrassy Park, iklabhu yokufunda inempumelelo ngenxa katitshala weBanga lesi-2, uFelicia Watson. UFelicia waqala iklabhu yokufunda emva kokuzimasa

indibano yoqeqesho yeNal'ibali ngowama-2012. Kungoku nje ngabafundi abazimiseleyo abangama-63 abazimasa iklabhu yokufunda rhoqo ngoLwezithathu emva kwemini. Sincokole noFelicia malunga neklabhu kunye nokufunda.

Yintoni ekukhuthazayo ukuba uqhube iklabhu yokufunda?

Ngummangaliso omhle ukubukela abantwana bekhula babe ngamalungu oluntu akwaziyo ukufunda nawonwabela ukubhala kunye nokufunda kwaye ekwazi ukusebenzisa oko akufunde emabalini.

Ngowuphi owona mngeni abantwana abajongene nawo?

Kukunqongophala kweencwadi! Kodwa ke siye safumana isipho seencwadi esivela kwiCentre for the Book kunye neBiblionef ngoncedo lukaNal'ibali. Kananjalo, siyalufumana nohlelo lweNal'ibali rhoqo ngeveki! Ngoku sinenkqubo apho abantwana bakwaziyo ukuboleka iincwadi kwiklabhu yokufunda.

Sixelele ngezinye zezinto enizenzayo.

Abantwana bayafunda, babhale imibongo baze badlale nemidlalo yamagama – ngaphezu kwako konke siyazonwabisa!

Ubakhuthaza njani abantwana ukuze bajoyine iklabhu?

Sibonisa ngomsebenzi wamalungu eklabhu apha esikolweni ngethemba lokuba oko kuza kukhuthaza abanye abantwana bafunde kwaye babhale nabo.

Ingaba ikhona inkqubela kumalungu apha kwiklabhu yokufunda?

Ewe! Akuphucukanga nje kuphela izakhono zabo zokufunda nokubhala, kodwa kukhule nokuzithemba xa bethetha phambi kwabantu abaphulaphuleyo, kwaye bakhetha ngokuzithemba okukhulu iincwadi ezohlukileyo zokufunda.

Kutheni kubalulekile nje ukukhuthaza abantu abatsha ukuba bafunde?

Ukufunda kukulungele ukuphuhlisa ukuzithemba kwabo, kuyabavuselela, kwandise ukuziqonda kwabo nokuqonda abanye kwaye kubenza bacinge ngakumbi!

Ngoobani abona babhali beencwadi zabantwana obathandayo?

NguNiki Daly, uJulia Donaldson kunye noDr Seuss. Ndiyakuthanda ukwabelana nabantwana ngamabali abhalwe ngaba babhali.

Lithini icebo ongabanika lona abantu abafuna ukuqala iklabhu yokufunda?

Thatha khona, qalisa! Nxibelelana nabantu! Bhalisa kuNal'ibali! Baninzi kakhulu abantu abazimisele ukukunceda.

Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured **Story Stars** will receive meal vouchers* courtesy of **Wimpy** to enjoy with the children in whose lives they are making a difference.




* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars.

Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, **iimbilasane zamaBali** zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya* ezizininikwa ngembeko nangoncedo lwabakwa**Wimpy** ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo.


* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars.

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
 2. Fold it in half along the black dotted line.
 3. Fold it in half again.
 4. Cut along the red dotted lines.
1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



“It’s a flat tyre,” cried the taxi driver.
 “Oh no,” I said. “We’ll be late.”
 “I’lli liphantshile,” watsho umqhubi weteksi.
 “Owu Bawo,” ndatsho. “Siza kushiywa lixesha.”



We got in the taxi. We drove past many farms. Suddenly the taxi stopped!
 Nrrrr, nrrrrrrrrRRRRR!
 Sakhwela etekisini. Sagqitha iifama ezininzi. Kusenjalo yema iteksi.
 Krrrr, krrrrrrrr!



Fold

CAMBRIDGE

A long way to Baba

Indlela ende eya kuTata

Sue Hepker
 Mirna Lawrence
 Elizabeth Andrew

The Little Library

A long way to Baba is one of 36 stories available in the Little Library Kits for Numeracy, Literacy and Life Skills. Each kit contains 60 readers (5 copies of 12 stories), 12 big books, 12 posters and a comprehensive teacher’s guide. The readers and the big books are available in all 11 official languages. For more information please visit our website www.cup.co.za.

Cambridge University Press
 P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
 Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418
 Email info@cup.co.za

CAMBRIDGE UNIVERSITY PRESS
www.cup.co.za

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi

Inal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

Drive your imagination

Fold


“UTata usilindle!”
“UTata usilindle!”

Yayingu-7 entloko kwaye ilanga lalikhanya.
Salinda iteksi. Udade wethu wacula ingoma.

“Baba is waiting for us.”
“Baba is waiting for us.”

My sister sang a song.

It was 7 o'clock and the sun
was shining. We waited for a taxi.




Fold

Sasisesitshini.
“Khawulezani!” watsho uMama. “Kufuneka
sikhwele kulo lolive.”
Udadewethu wayenemincili kakhulu.

“Hurry,” said Mima. “We must get on this train.”
My sister was very excited.

We were at the station.



Baba gave
us all presents.
We were all
very happy.
Guess what I got?


UTata wasinika izipho sonke.
Sasonwabe kakhulu.
Qashisa ndafumana ntoni?

Fold

Ulolive wagalisa ukuhamba.
Khutshu khutshu khutshu!
Ulolive wahamba ngokukhawuleza.
Udadewethu walala. Ndajongga
ewotshini kaMama. Yayingu-9 entloko.

The train went faster and faster. My sister
fell asleep. I looked at Mima's watch. It was
9 o'clock.


The train started to move.
Tssss tsssss tsssss!



Fold



Sakhwela enqwelweni.
Gogo, gogo, gogo, gogo.
Ndajongga ewotshini kaMama. Yayilicala
emva kwentsimbi yesithandathu.

We got on the cart.
Clip, clip, clip, clip.
I looked at Mima's watch. It was half past six.



"Hello, Baba!" we yelled.
We ran to Baba.

"Molo, Tata!" sakhwaza.
Sabaleka saya kuTata.




"Wake up," said Mma. "We are
going to see Baba today."
We got dressed.
"It's half past five," Mma said.
"We must hurry."

"Vuka," watsho uMama.
"Siyokubona uTata namhlanje."
Sanxiba.
"Licala emva kwentsimbi yesihlanu,"
watsho uMama. "Kufuneka
sikhawuleze."

Fold

“Can we have a lift?” asked Mma.
 “Get on the cart,” said Mr Swigiri.
 “Singakhwela?” wabuza uMama.
 “Khwelani enqwelweni,” watsho
 uMnumzana Swigiri.




We walked along the road.
 My sister sang a song.

“Baba is waiting for us
 Baba is waiting for us.”


Sahamba ecaleni kwendlela. Udadewethu
 wacula ingoma.

“UTata usilindile,
 UTata usilindile.”





Sabona nezakhiwo ezininzi. Yayingu-11
 entloko. Sasisele sikufuphi!

Then we saw many buildings. It was
 11 o'clock. We were nearly there!



Sasikrobe ngefestile. Sabona izindlu ezininzi.

We looked out of the window. We saw
 many houses.



JOHANNESBURG STATION	12:00
DURBAN	ARRIVAL 12:00
CAPE TOWN	ARRIVAL 12:45

The train stopped at the station.
 Tsss tsssss tsssss!
 It was 12 o'clock. We were in
 Johannesburg!

Uloliwe wema esitishini.
 Khutshu khutshu khutshu!
 Yayingu-12 entloko. SasiseRhawutini!





Get story active!

After you and your children have read *A long way to Baba*, try out some of these ideas.

- Look at the pictures together and draw your children's attention to the different types of transport the family used. Ask them which ones they have used before.
- Have you and your children ever travelled on a long journey? Talk about where you went and how you got there. What other things do your children remember about the journey?
- Are your children learning to tell the time? Read the story again, pausing to allow them to guess what the time is by looking at the clocks.
- Do you know songs or rhymes that have something to do with time or clocks? Here is an example of an English rhyme:




*Hickory, Dickory Dock
The mouse ran up the clock
The clock struck one, the mouse ran down
Hickory, Dickory Dock.*

Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi, *Indlela ende eya kuTata*, zamani ezinye zezi ngcebiso zilandelayo.

- Jongani imifanekiso nikunye uze ukhombise abantwana bakho iintlobo ezohlukileyo zezithuthi ezithe zasetyenziswa lusapho. Babuze ukuba zeziphi bona abakhe bazisebenzisa ngaphambili.
- Ingaba wena kunye nabantwana bakho nakhe naba nalo uhambo olude? Ncokolani malunga neendawo enaniye kuzo nokuba nafikelela njani kuzo. Zeziphi ezinye izinto abantwana bakho abasazikhumbulayo ngohambo?
- Ingaba abantwana bakho bafunda ixesha? Funda ibali kwakhona, uze umana nqumama ukuze ubavumele baqashele ukuba ngubani na ixesha ngokujonga eziwotshini.
- Ingaba kukho iingonyana okanye izicengcelezo ozaziyo ezithetha ngexesha? Nanku umzekelo wesicengcelezo sesiNgesi:



Come and join us!

Nal'ibali will be at the first-ever isiXhosa Children's Story Festival from 6-8 September 2013 in Grahamstown, Eastern Cape. Puku Children's Literature Foundation, the National Arts Festival and Rhodes University will be hosting this exciting event. The festival will bring together storytelling, song, dance and books in a joyous celebration of isiXhosa. To find out more go to www.puku.co.za.

Yiza uzibandakanye kunye nathi!

Okokuqala ebomini, uNal'ibali uza kuba yinxalenye yoMnyhadala wamaBali esiXhosa aBantwana ukususela kumhla we-6 ukuya kowe-8 kweyoMsintsi kowama-2013 eRhini, eMpuma Koloni. IPuku Children's Literature Foundation, iNantional Arts Festival kunye nedyunivesithi iRhodes ziza kusingatha lo mbhiyozo uchulumancisayo ukuze kugcinakale amabali ethu ephilile, elungele izizukulwana sangomso. Lo mnyhadala uza kuhlenganisa ukubaliswa kwamabali, iingoma, ukudanisa kunye neencwadi kumbhiyozo owonwabisayo wesiXhosa. Ukuze ufumanise ngaphezulu ngawo yiya ku-www.puku.co.za.

Reading club corner

In South Africa we celebrate Arbour Week from 1-7 September. Trees often feature in children's stories – sometimes as talking trees and other times as forests that story characters travel through or hide in! Here is an idea for creating your own "tree" stories at your club.

- Divide the children into groups of three or four.
- Give each group a large sheet of paper and crayons. Ask them to draw a picture that tells a story and that includes a tree.
- Ask the groups to swap pictures. Invite older children to write a story that is inspired by the picture they received. Let your children talk about the picture they received and use it to tell a story of their own.
- Display the stories and pictures for children to read and enjoy!

Ikona yeklabhu yokufunda

EMzantsi Afrika sibhiyozela uMhla wokuTyala imithi ukususela kumhla woku-1 ukuya kowesi-7 kweyoMsintsi. Kumaxesha amaninzi imithi ibakhona kumabali abantwana – ngamanye amaxesha iba yimithi ethethayo, maxa wambi ibe ngamahlathi abalinganiswa abahamba benqumla kuwo okanye bezimela kuwo! Nantsi ingcebiso onokuyisebenzisa ukuqamba ibali lakho "lomthi" eklabhini yakho.

- Bohlule abantwana babe ngamaqela anabantwana abathathu okanye abane.
- Nika iqela ngalinye uxwebhu lwephepha kunye neekhrayoni. Bacele bazobe umfanekiso obalisa ibali kwaye liquke nomthi ibali elo.
- Cela amaqela ukuba atshintshiselane ngemifanekiso. Mema abantwana abadala babhale ibali elivuselelwe ngumfanekiso lowo bawufumeneyo. Bavumele abantwana bakho bancokole malunga nomfanekiso abawufumeneyo ze bawusebenzisele ukubalisa ibali elilelabo.
- Xhoma eludongeni amabali kunye nemifanekiso ukuze abantwana bazonwabise ngokuwafunda!

Days to celebrate in September and October

Choose some of these days to celebrate at your club.

- 1-7 September Arbour Week
- 2-7 September National Book Week
- 7 September Eric Hill's birthday (author and illustrator who created the *Spot* books which are popular with young children)
- 8 September International Literacy Day
- 13 September Roald Dahl Day (award-winning children's author who wrote lots of children's fiction including *Matilda* and *Charlie and the Chocolate Factory*, both of which have been made into movies)
- 21 September International Day of Peace
- 24 September Heritage Day
- 1 October World Bullying Prevention Day; International Older Persons' Day
- 4 October World Animal Day
- 5 October World Teacher's Day
- 31 October Halloween

Iintsuku ezibhiyozelwayo kweyoMsintsi kunye neyeDwarha

Khethani ezinye zezi ntsuku nize nizibhiyozele kwiklabhu yenu yokufunda.

- 1-7 kweyoMsintsi iVeki yokuTyala imithi
- 2-7 kweyoMsintsi iVeki yeNcwadi kaZwelonke
- 7 kweyoMsintsi umhla wokuzalwa kukaEric Hill (umbhali nomzobi owabhala uluhlu lweencwadi ezisihloko sithi *Spot* nezithandwa kakhulu ngabantwana abancinane)
- 8 kweyoMsintsi uSuku lokuFunda lweHlabathi
- 13 kweyoMsintsi uSuku lukaRoald Dahl (umbhali weencwadi zabantwana owongwe ngeembasa nowabhala iincwadi zabantwana ezininzi eziquka ezinezihloko ezithi *Matilda* kunye no*Charlie and the Chocolate Factory*; nezithe zombini ezi ncwadi zenziwa imifanekiso-bhanyabhanya)
- 21 kweyoMsintsi uSuku loXolo lweHlabathi
- 24 kweyoMsintsi uSuku lwaMafa neMveli
- 1 kweyeDwarha uSuku lokuThintela uGonyamelo lweHlabathi; uSuku lwaBantu abaDala lweHlabathi.
- 4 kweyeDwarha uSuku lwezilwanyana lweHlabathi
- 5 kweyeDwarha uSuku looTitshala lweHlabathi
- 31 kweyeDwarha uSuku lweHalloween

Neo

Bella

Story corner

Here is the final part of the story about Ho and his paintbrush. Enjoy reading it aloud or telling it!

The magic paintbrush

(Part 2) retold by Wendy Hartmann

The rich man invited all his friends to come to his home. "Sit down and watch this," he said. He then painted lots of pictures with the magic paintbrush. Everyone waited and waited ... and waited, but not a single picture came to life.

"What is going on?" shouted the rich man. "Go and get Ho and bring him here!"

Ho was brought to the rich man. But by now Ho knew that this man was selfish and cruel.

"If you paint some pictures for me," said the rich man, "and they turn to life, I will pay you and set you free."

At first Ho did not know what to do. Then, he had an idea. "Yes, I can do that," Ho said.

"The first thing I want you to paint is a HUGE mountain made of gold," said the rich man. "I want to collect all the gold."

Ho picked up his magic paintbrush and painted a sea. This made the rich man angry.

"Why did you paint a sea? I don't want a sea. I want a mountain made of gold. Now hurry up and paint it."

So Ho painted a mountain made of gold on the other side of the sea. "You will have to cross the sea to get there," he said.

"Then quickly paint a big ship so that I can cross the sea," said the rich man.

Ho smiled and painted a big ship. He had hardly finished when the rich man jumped into the ship. Quickly his family and friends jumped in too and they sailed away.

Ho watched them carefully. He waited until the ship had sailed into the middle of the sea, then he painted a big wave. The wave rushed towards the ship. When it was close – CRASH! – it covered the ship and broke it into a thousand pieces.

After that, Ho lived happily. He had enough food to eat. He helped people when they needed it and he painted as many pictures as he liked.

Sometimes he would look across the sea at the mountain made of gold. No one ever went there because there was nothing there except gold. Well ... nothing except gold, broken pieces of a ship and a very angry rich man, his family and all his friends.

Tell us if you liked the story, *The magic paintbrush* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.




Illustration by Jiggs Snaddon-Wood
Umfanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

Ikona yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga noHo kunye nebrashi yakhe yokupeyinta. Konwabele ukulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise!

Ibrashi yokupeyinta yomlingo

(Inxalenye 2) libaliswa kwakhona nguWendy Hartmann

Isityebi sendoda samema bonke abahlobo baso ukuba beze ekhayeni lakhe. "Hlalani phantsi nibukele," satsho. Sapeyinta imifanekiso emininzi ngebrashi yokupeyinta yomlingo. Wonke umntu walinda, walinda ... waze walinda, kodwa akwabikho namnye umfanekiso oqukayo kwenzeke into yokwenyani.

"Kwenzeka ntoni kanye?" sangxola satsho isityebi. "Hambani niyokuthatha uHo nize naye apha!"

UHo waziswa phambi kwendoda esisityebi. Kodwa ngoku uHo wayesele eqonda ukuba esi sityebi yindoda ekhohlakeleyo nengamcingeliyo omnye umntu.

"Ukuba uthe wandipeyintela imifanekiso," satsho isityebi, "ize loo mifanekiso iguquke ibe yinyani, ndiya kukuhlawula ze ndikukhulule."

Ekuqaleni uHo wayengazi ukuba enze ntoni na. Kodwa emva komzuzwana wafikelwa yingcinga ethile. "Ewe ndingakwenza oko," watsho uHo.

"Into yokuqala endifuna uyipeyinte yintaba ENDE eyenziwe ngegolide," satsho isityebi. "Ndifuna ukuyiqokelela yonke loo golide."

UHo wathatha ibrashi yakhe yokupeyinta yomlingo wapeyinta ulwandle. Oko kwasicaphukisa isityebi.

"Kutheni upeyinte ulwandle? Andifuni lwandle. Ndifuna intaba eyenziwe ngegolide. Khawulezisa uyipeyinte."

Ngoko ke uHo wapeyinta intaba eyenziwe ngegolide kwelinye icala lolwandle. "Kufuneka uwele ulwandle ukuze ufikelele kuyo intaba yegolide," watsho.

"Khawulezisa ke upeyinte inqanawe enkulu ukuze ndikwazi ukuwela ulwandle ngayo," satsho isityebi.

UHo wancuma waza wapeyinta inqanawe enkulu. Wathi engekayigqibi nokuyigqiba inqanawe, suka isityebi sakhwela ngokungxama. Ngokukhawuleza usapho lwaso kunye nabahlobo baso bakhwela enqanaweni banduluka ngayo.

UHo wababukela ngobunono. Walinda ukuba inqanawe ingene ibe sesazulwini solwandle, waza wapeyinta ilizakazi elikhulu. Iliza lalwatyuza ukuya enqanaweni. Lathi lakuba kufutshane - PHILU! - layibetha inqanawe yazizicwili ezingamawakawaka.

Emva koko, uHo wahlala ngokonwaba. Wayenokutya okoneleyo. Wayenceda abantu xa bathe bafuna uncedo kwaye wayepeyinta imifanekiso emininzi kangangoko efuna.

Ngamanye amaxesha wayekhe ajonge ngaphesheya kolwandle, abone intaba yegolide. Akukho namnye owakhe waya kuyo kuba kwakungekho nto kuyo ngaphandle kwegolide. Gxebe ... kwakungekho nto ngaphandle kwegolide, iingceba zenqanawe eyophukayo kunye nesityebi sendoda enomsindo, usapho lwayo kunye nabahlobo bayo.

Sixelele ukuba ulithandile kusini na eli bali lisihloko sithi, *Ibrashi yokupeyinta yomlingo* –SMSa u-"Bookmark" negama lakho kunye namagqabantshintshi akho ngebali ku-32545. I-SMS nganye ixabisisa i-R1,00.

In your next Nal'ibali supplement:

- Celebrate International Literacy Day with us
- Story Stars: Pedro, the Music Man
- Build your own Nal'ibali Literacy Day picture
- A Nal'ibali story, *It started with a puppy*
- A zigzag book for babies, *Go!*

Bookmarks, posters, activity sheets... Download your free resources from the Nal'ibali Resource Section at www.nalibali.org.

Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook: ku-
www.facebook.com/nalibaliSA



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Bhiyozela uSuku lweLitheresi lweHlabathi kunye nathi
- limbalasane zamabali : UPedro, imvumi
- Yakha owakho umfanekiso woSuku lweLitheresi lweNal'ibali
- Ibali likaNal'ibali elithi, *Konke kwaqala ngenjana*
- Incwadi egosogoso yeentsana ethi, *Hamba!*

Izalathisi ezifakwa encwadini, iipowusta kunye namaxwebhu okusebenzela ... Zikopele imithombo eluncedo simahla evela kwiCandelo leMithombo eluncedo yakwaNal'ibali ku-www.nalibali.org.

